



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE

IBANGA 3

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

ULUHLU 1- IPHEPHA ELINGUMZEKELO 2012

Isikhokelo sokusebenzisa imizekelo ka-ANA

1. Umbono jikelele

Uvavanyo lonyaka nonyaka (ANA) luvavanyo oludibeneyo lolwazi nezakhono ezifanele ukuphuhliswa, kubafundi bebanga lo-l ukuya kwele-6 kunye nele-9. Ukuncedisana novavanyo oluqhutywa esikolweni nokuqinisekisa ukuba abafundi bazithemba ngokwaneleyo ukuze bathathe inxaxheba ngempumelelo kwiimviwo zangaphandle, uluhlu lootitshala kunye neencutshe kwizifundo bavelise iimvavanyo eziyimizekelo ezinokusetyenziswa ngootitshala kwizifundo zoLwimi Lwasekhaya neMathematika. Unikwe imibuzo yimizekelo yemvavanyo ethatyathwe kumsebenzi wesikolo wonyaka wekharithyulam ukusuka kwikota yokuqala, eyesibini neyesithathu, kunye nesiboniso esipheleleyo sovavanyo (ANA) sebanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo equka nesiboniso esipheleleyo soviwo zongeza kuvavanyo oluqhubekayo esikolweni olwenziwa qho kubafundi nekufuneka lungayekwa.

2. Unxulumano namanye amacebiso okufunda nokufundisa

Ngenxa yokubaluleka kokudibanisa eyindlela yokufundisa, eminye imibuzo ekwimizekelo yeemvavanyo inxulunyaniswe neeNcwadi Zomsebenzi ngokwamabanga. Imizekelo yeemvavanyo ilinganiswe neemfuno zekharithyulam, kusetyenziswe amaxwebhu ekharithyulam i-National Curriculum Statement Grades R-12 (NCS) ne-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) kumabanga ngamabanga, kusetyenziswe nendlela yokuhlola esemthethweni (National Protocol for Assessment). La maxwebhu ewonke kunye nalawo isikolo siwanika utitshala ukuze enze amacebiso angawo okunceda utitshala xa elungiselela izifundo kwakunye naxa esenza uvavanyo olusesikweni.

3. Unxulumaniso nezinye izixhobo zokufunda nokufundisa

Ukuze kubekho unxulumano olufanelekileyo, eminye imizekelo yezicatshulwa nemibuzo idityaniswe kwiincwadi zokusebenzela zamabanga ngamabanga ezingqale kumgangatho wabafundi. Le mizekelo ilungelelanisiwe ukuze iqwalasele iimfuneko zeNkcazelo yeKharithyulam yeSizwe yamananga R ukuya ku 12 (NCS), iinjongo zekharithyulam, iNkcazelo yePolisi yeKharithyulam enxulumene namabanga abafundi kunye nendlela yokuhlola esemthethweni. Yonke le miqulu kwakunye neminye imiqulu enokufumaneka esikolweni izizixhobo ezingundoqo ezinokusetyenziswa ukuncedisa ootitshala njengoko bequlunqa izifundo belawula nohlolo olungundoqo (uhlolo olukhulisayo).

4. Isetyenziswa njani imizekelo yovavanyo

Nangona imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye nesifundo ngasinye yenziwe yaza yadityaniswa, utitshala akanyanzelekanga ukuba abafundi abaphendulise ngexesha elinye. Utitshala makakhethe umzekelo onombuzo onxulumene nesifundo asilungiseleleyo. Imibuzo ekhethwe kumzekelo vavanyo okanye iqela lemibuzo enokuphenduleka ngexesha elinye ingasetyenziswa ngokuye kukhula ukufunda nokufundisa ngolu hlobo:

- 4.1 Ekuqaleni kwesifundo, njengovavanyo lokuqonda nokwahlula izinto abafundi abakwazi ukuzenza/abazaziyo nezo bangakwazi ukuzenza/bangazaziyo. Ukuqonda lo mahluko kukhokhelela ekubeni abafundi bacoselelwe ukufundiswa nokuze kwakhiwe izifundo ezilungele ukulungisa ezo ngxaki banazo baze baphucule. Olu vavanyo lokuqonda lungenziwa umsebenzi wasekhaya ukonga ixesha.
- 4.2 Kwisifundo phakathi, uvavanyo olucwangcisiweyo lusetyenziswa ukuvavanya ukuba ulwazi nezakhono zabafundi ziyaphuhla na. Njengoko isifundo siqhuba lukwasetyenziswa ukuvavanya nokuqinisekisa ukuba akukho mfundi ushiyekayo kwisifundo.
- 4.3 Ukugqibezela isifundo okanye iqela lezifundo uvavanyo oludityanisiweyo luyenziwa ukuvavanya ukuba abafundi bayaqonda kwaye bayakwazi ukusebenzisa ulwazi nezakhono abazifumene kwizifundo. Inkcaza yokuba abafundi baqhube njani mabayinikwe ngoko nangoko, ngelo xesha utitshala wenza isigqibo ngeendawo ezifuna ukuphindwa kwisifundo okanye kwizifundo ukuncedisa ulwazi okanye izakhono ezingaphuhlanga.
- 4.4 Kuwo onke la manqanaba makusetyenziswe iindlela ngeendlela zokubuza, umz.indlela yokuphendula ngokukhetha kwiimpendulo azinikiweyo, imibuzo efuna impendulo yakhe, imibuzo efuna impendulo emfutshane, njalo-njalo.

Nangona uvavanyo lokufumana ukuqonda novavanyo lokwakha ulwazi lusenokuba lufutshane ngokwemibuzo, uvavanyo oludityanisiweyo lunokuquka imibuzo emininzi kuxhomekeka kumsebenzi osele wenziwe. Okubalulekileyo kukuqinisekisa ukuba abafundi baqhelaniswa nendlela yokuphendula uvavanyo olupheleleyo olufana novavanyo lukazwelonke lonyaka nonyaka (ANA).

5. Imemorandam okanye iindlela zokuphendula

Umzekelo wendlela yokuphendula okanye iimpendulo ezilindelekileyo zilungiselelwe kumzekelo wovavanyo. Otitshala mabakhumbule ukubaimemorandam ayiniki mpendulo igqibeleleyo, Imemorandam inika nje kuphela iimpendulo ezilindelekileyo, ngoko utitshala angamnika umfundi amanqaku ngeempendulo ezahlukeneyo, ezivumelekileyo ezinikwe ngabafundi.

6. Ukugutyungelwa kwekharithulam

Kunyanzelekile ukuba ikharithulam igutyungelwe yonke kwibanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye ayimeli ikharithulam, ikhupha nje iisampula zovavanyo lolwazi nezakhono ezibalulekileyo kwaye zezomsebenzi wekota yokuqala ukuya kweyesithathu yonyaka Isantya sokusebenza somsebenzi ekufuneka wenziwe sinikezelwe kumaxwebhu ekharithulam (CAPS DOCUMENTS).

7. Ukuphetha

Injongo yeSebe leMfundo kukuphucula nokwakha ezona zisekelo zibalulekileyo, ukufunda nokubala kwabafundi. Uvavanyo lonyaka nonyaka sesinye sezixhobo iSebe leMfundo eisebenzisa ukuqaphela ukuba umgangatho wabafundi uyonyuka, uhleli ndawonye okanye uyehla. Izithili nezikolo kulindeleke ukuba zancedise ootitshala kwaye zidlulise amacebo aluncedo ukuphucula ukufunda nokufundisa ezikolweni. Ngokusebenzisa imizekelo yokuvavanya njengeline icebiso lokufundisa, ootitshala baza kunceda abafundi baqhelane neendlela nobuchule bokuvavanya. Ukusetyenziswa kwale mizekelo kuya kunceda abafundi bafumane ulwazi olufanelekileyo baze baphuhlise nezakhono ezinxulumene nokufunda ukuze baphucule kuvavanyo lukazwelonke olulandelayo.

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo.



UThembakazi noNamhla bavuya xa babetyelela efama. Umalume kaThembakazi wayengumntu onobubele. Umalume wavuya kuba eze nomhlobo wakhe. Umakhulu kaThembakazi wavuya xa ephinda ebona umzukulwana wakhe.

Zininzi izinto ezenziwa efama. Ekupheleni kweveki uThembakazi noNamhla baba nesithukuthezi. Bafuna ukuya emlanj eni. Babeza kukhwela imithi baze baqubhe edamini. Umakhulu wathi kuza kufuneka balinde umalume aze abakhaphe bangahambi bodwa. Umalume wayengumntu oxakekileyo ongenalo ixesha.

Ngenye imini kusasa la mantombazana agqiba ukuziyela emlanj eni odwa. Awazange amxelele umakhulu nomalume. Bonwaba kakhulu bequbha edamini. Bakugqiba ukuqubha bakhwela emthini omkhulu baze bahlala esebeni lawo. Bakwazi ukubona kude.

Kwafika ixesha lokugoduka. UNamhla wehla kakuhle emthini kodwa uThembakazi watsibela phantsi. Wawa wenzakala emlenzeni. Wayengakwazi ukuhamba ekhala kabuhlungu.

UNamhla kwafuneka aye kuxelela umalume ekhaya. Wafika umalume wamthwala wamsa ekhaya. Wayophuke umlenze. Yaphela kabuhlungu loo holide.

1.1 **Khetha impendulo echanekileyo kwezi mpendulo zingezantsi.**

Biyela isivakalisi esinempendulo echanekileyo.

- A UThembakazi noNamhla yayingabahlobo.
- B Eli bali lingamantombazan andwebileyo.
- C UThembakazi noNamhla bahlala efama.
- D Babonwabile efama.

1.2 **Krwela umgca phantsi kwegama eliyimpendulo echanekileyo.**

UThembakazi noNamhla bandwendwela (elalini, evenkileni, efama, edlelweni).

1.3 **Gqibezela esi sivakalisi singezantsi. Bhala igama elishiyiweyo kwisivakalisi esingezantsi ukugqibezela isivakalisi.**

Umalume kaThembakazi wavuya ukuba eze no wakhe.

1.4 **Bhala isihloko esifanele eli bali. I sihloko sibhale kwisithuba esingezantsi.**

.....

1.5 **Nika ingongoma eyintloko yeli bali ngesivakalisi esinye.**

.....

2.1 **Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.**

Biyela unobumba ohamba nempendulo echanekileyo.

- A UThembakazi noNamhla abangabo abahlobo.
- B Babefuna ukuya ecaweni.
- C UNamhla wophuka umlenze.
- D UThembakazi watsibela phantsi wophuka umlenze.

2.2 **Landelelanisa iziganeko ngokwenzeka kwazo ebalini. Bhala amanani ukusuka ku-1 kuya ku-4 ukubonakalisa ukulandelana kwezigameko.**

- A UThembakazi wakhala.
- B Wenzakala emlenzeni.
- C Akazange akwazi ukuhamba.
- D Watsibela phantsi.

2.3 **Tshatisa umlinganiswa nesiganeko.**

Ubalinganiswa		I ziganeko	
2.3.1	UThembakazi	A	Wabaleka ukuya kuxelela umalume.
2.3.2	UNamhla	B	Wawa wophuka umlenze.

2.4 **Bhala impendulo emgceni ongezantsi.**

Ayaphi amantombazana ngenye imini?

2.5 **Kwakutheni ukuze kwenzeke le ngozi? Gqibezela impendulo yakho emigceni engezantsi.**

I ngozi yenzeka kuba uThembakazi

.....

.....

3.1 **Jonga umfanekiso ongezantsi uze uphendule imibuzo.**
Khetha impendulo echanekileyo.



Umfanekiso ubonisa ...

- A ukukhithika
- B ikhephu
- C umlambo
- D iingxangxasi

3.2 **Fakela igama elishiyiweyo ukugqibezela isivakailisi. Biyela impendulo echanekileyo.**
Umfanekiso wafotwa (ebusika, entwasahlobo, ehlotyeni).

.....

3.3 **Khetha uze ubiyele impendulo echanekileyo. Ucinga ukuba lo mfanekiso wafotwa nini? Ngexesha ...**

- A leeholide zasehlotyeni.
- B ubhaka isonka.
- C uthenga ezivenkileni.
- D ubulele.

3.4 **Bhala isivakalisi esifutshane ngomfanekiso.**

.....

3.5 **Krwela umgca phantsi kwegama eliyimpendulo echanekileyo.**

Amanzi abhobhoza eliweni kuthiwa (ngumlambo, lidama, yiphuli, ziingxangxasi)

4.1 **Ngawaphi amagama ama -2 anzima kwibali elifundiweyo likaThembakazi noNamhla. Wabhale ngezantsi.**

.....
.....

4.2 **Athetha ukuthini la magama alandelayo?**

ukuvuya

isithukuthezi

4.3 **Khangela amagama ama-2 asebalini likaThembakazi noNamhla angoonontathu. Wabiyele uze uwabhale emgceni ongezantsi.**

.....
.....

4.4 **Khangela amagama ebalini likaThembakazi noNamhla athetha into enye nala alandelayo. Wabhale emigceni ongezantsi.**

onothando

ukudada

4.5 **Phendula lo mbuzo ulandelayo. Yithi Ewe okanye Hayi.**

Umakhulu wayesazi ukuba amantombazana aye emlanj eni.

.....

5.1 **Fakela isandi esichanekileyo kwigama elibiyelweyo ukuze libenentsingiselo evakalayo.**

Ndiyathanda (peyinta) ngebhrashi.

Ndicela undincede (j onga) umsebenzi wam.

5.2 **Khetha igama elipelwe ngokuchanekileyo kolu ludwe lwamagama angezantsi uze ulibiyele.**

A iburashi

B ibhulashi

C ibulasi

D ibhrashi

5.3 **Krwelela igama elibhalwe lapelwa ngokuchanekileyo kumagama angezantsi.**

ivenkile ivinkili

6.4 **Sisiphi isikhamiso esisekugqibeleni kula magama alandelayo? Biyela isikhamiso uze ubhale igama elihambiselana nomfanekiso ecaleni komfanekiso.**

iloli



idada



6.5 **Fakela isandi u-ng esishiyiweyo ukugqibezela igama ukuze igama libe nentsingiselo.**

Ila- a liyatshisa.



Undihla-ule ezintlungwini.

7.1 **Funda esisivakalisi singezantsi uze ufakele igama elibhalwe ngokuchanekileyo kula angezantsi. Biyela igama elichanekileyo kwezi zingezantsi.**

I nkwenkwe inxibe i.....ezimnyama.

- A izihlangu
- B izihlanga
- C ihlangu
- D izhlangu

7.2 Jonga imifanekiso eku Kholam A uze ubhale amagam anezandi eziku Kholam B ahambelana nayo.

Kholam A	Kholam B
7.2.1 	A bh
7.2.2 	B Nqw

7.3 Funda isivakalisi esingezantsi esingaphelelanga. Fakela igama elibhalwe elishiwiweyo kakuhle kula angezantsi. Biyela igama elibhalwe ngokuchanekileyo.
 yomntwana ibuhlungu.

- A indlebe
- B idlelo
- C indlela
- D indlabe

7.4 Funda ezivakalisi ezingezantsi uze ukrwele umgca phantsi kwegama eliyimpendulo echanekileyo kula angezantsi.

Ndi (funa /funu /fana /fumana)ukuba nenj a.

Ndiphunyelwe (lisinyo/ lizinya/lizinyo/ lizinye).

7.5 **Funda amagama angezantsi. Biyela onke amagama abhalwe gwenxa.**

I I tshipusi,iitshephusi,iitshiphusi, iitshephusi.



8.1 **Phinda ubhale la magama alandelayo emgceeni ongezantsi. Walandelelanise kakuhle ukwakha isivakalisi esinentcingiselo.**

wakhe; umzukulwana ; uThembakazi; kakhulu; ukubona;wavuya

.....

8.2 **Phinda ubhale ngokudibanisa esi sivakalisi silandelayo emgceeni ongezantsi.**

UThembakazi noNamhla bavuya ukutyelela efama.

.....

8.3 **Kwezi zivakalisi zilandelayo kukho esinezithuba ezichanekileyo phakathi kwamagama. Biyela isivakalisi esinempendulo echanekileyo.**

- A Wawawenzakala wophukaumlente.
- B Wawa wenzakala wophukaumlente.
- C Wawa wenzakala wophuka umlente.
- D Wawawenzakala wophuka umleze.

8.4 Yahlula-hlula ushiye izikhewu phakathi kwamagama abhalwe kwisivakalisi esingezantsi. Phinda ubhale esi sivakalisi silandelayo kumgca ngezantsi uze ushiye izithuba ezichanekileyo phakathi kwamagama.

UThembakazino Namhlabavuyauku tyelela efama.

.....




9.1 Bhala ngokudibanisa phezu kwala maqabane abhalwe ngamachaphaza angezantsi.



9.2 Bhala ngokohlobo lokudibanisa la maqabane angezantsi.

C..... H..... E.....

9.3 Tshatisa amaqabane amagama abhalwe ngokungadibanisi nalawo abhalwe ngokudibanisa.

Kholam A	Kholam B
9.3.1 A	 
9.3.2 D	

9.4 **Phinda ubhale ngokudibanisa esi sivakalisi esilandelayo.**

Uqhuba imoto yocingo.

9.5 **Phinda ubhale ngokungadibanisi esi sivakalisi esilandelayo.**

Ukubhala ibhala ngokungadibanisi esi sivakalisi esilandelayo.

.....

10.1 **UNamhla wanika umhlobo wabo imiyalelo elandelayo emva kokuphuka kukaThembakazi emlenzeni.**

Bhala amanani ukusuka ku-1 kuya ku-4 ukubonakalisa ukulandelana kwayo.

Ukunika uncedo lokuqala

Ukuthuthuzela owenzakeleyo.

Ukuxelela owenzakeleyo ukuba angashukumi.

Xa esopha ungaliphathi igazi ngezandla zakho ungazikhuselanga.

10.2 **Umeme abahlobo bakho ukuba bafike kowenu ngempelaveki kuba**



uzakube uvuyela usuku lwakho lokuzalwa. Banike inkcazelo yendlela ukusuka esikolweni uye kufika kowenu. Sebenzisa izikhombiso ezingezantsi ukubhala inkcazelo esuka esikolweni iye kufika kowenu. Ungasebenzisa amagama alandelayo ukunika inkcazelo yokukhombisa.

j ika kwisandla sasekunxele;j ika kwisandla sasekunene; hamba ungaj iki; gqitha; imithi; wehle.



10.3 Kule miyalelo ingezantsi khetha umyalelo ohambelana nophawu ngalunye kwezi mpawu zingezantsi.

Bhala inkcazelo yeempawu emigceni engezantsi.

<p>A</p> 	<p>B</p> 
<p>Ungaweli. Khawuleza uwele.</p>	<p>Kuwela abantwana. Qaphela kuwela abantwana.</p>

11.1 Krwelela igama elisisenzi kwesi sivakalisi silandelayo.

Inkwenkwe iwela indlela.

11.2 Bhala ezi zivakalisi ngokuchanekileyo ngokukhetha esichanekileyo kwezi zibiyelweyo.

Namhlanje (waya/ uya) esikolweni.

UThabisa izolo (ubaleka/ ubaleke) kakuhle esikolweni.

11.3 Biyela igama elisisenzi kwezi zivakalisi zilandelayo.

UThabisa uyalila yonke imihla.

ULathitha utya iiswiti kakhulu.

11.4 **Krwela umgca phantsi kwegama elisisenzi kwezi zivakalisi zingezantsi.**

UThabo ukhwela ihashe.

UZethu ufunda incwadi yakhe ayithandayo.

11.5 **Fakela isenzi esichanekileyo kwezi zivakalisi.**

Intombazanaimpahla zayo ngesephu.

Ndithanda ukuubisi namhlanj e.

12.1 **Funda eli bali lilandelayo uze uligqibezele ngokubhala isiphelo salo. Isiphelo singabi nezivakalisi ezingaphezu kwesithathu.**

Udano lukaSipho.

USipho uthanda ukubaleka. Wayezilolonga ngokuzimisela ukuze angenele ukhuphiswano lokubaleka ngonyaka we-2011. Wayezimisele ukuba aphumelele eze nendebe esikolweni. Wayesele ephumelele amaxesha amaninzi.

USipho wayenomhlobo wakhe omkhulu esikolweni uManzi. Wayegqwesile esikolweni yena edlala ikhrikhethi. Oku wakwenza iminyakana embalwa eyadlulayo.

Ngalo unyaka uManzi wakhetha ukubaleka naye. USipho wayethenj iwe kolu kuphiswano kodwa uManzi wamshiya ngathi umile. Waphumelela emagqabini uManzi. UManzi wawina indebe entle enkulu.

USipho wakhathazeka kakhulu. UBubele omnye umhlobo wabo wathi angakhathazeki uSipho. Wamxelela ukuba into entle indebe ibuyele esikolweni.

12.2 **Bhala izivakalisi ezithathu ezichaza ukuba kwakunjani kukhuphiswano lokubaleka owawubanj we ngempelaveki.**

12.3 Ngosuku lokhuphiswano kwenzakala omnye umfundi. **Makachaze ukuba kwenzekani. Bhala izivakalisi zingedluli kwi-6.**

12.4 **Bhala ibali lakho elimayela nomnye umfundi osanda kuwina imali ngethuba ebengenele ukhuphiswano oluthile.**

12.5 **Chaza ngesivakalisi esinye isifundo esifundwe nguSipho esinikwa ngumhlobo wakhe.**

13.1 **Fakela iimpawu zobhala kwesi sivakalisi silandelayo.**

Okulandelayo qalani nihlambe izandla phambi kokutya

13.2 **Phinda ubhale isivakalisi esilandelayo ngokufaka iimpawu zobhalo ezichanekeleyo.**

intombazana eneminyaka eli-12 yasekapa ibisengozini eyenzeke kwatshotsho emdantsane

13.3 **Bhala izivakalisi usebenzise iimpawu zokubhala ezingezantsi.**

I koma, Oonobumba abakhulu, isingxi

13.4 **Khetha uphawu lokubhala ongalusebenzisa kwesi sivakalisi singezantsi.**

[, . ? ! " "]

Singena nini isikolo senu

13.5 **Lungisa iimpawu zobhalo ezikwesi sivakalisi singezantsi. Phinda ubhale isivakalisi esilungisiweyo.**

siza ku ya phi ngeziholide kubuza ulinda,hayi elalini ndidikwa yingxolo yamatakane kuphendula umalusi

14.1 **Khetha impendulo echanekileyo ugqibezele isivakalisi.**

UThembakazi no Namhla ...

- A ngabahlobo
- B ngabamhlobo
- C ngubahlobo
- D ngabuhlobo

14.2 **Krwelela igama echanekileyo kula angezantsi.**

(Amatobhazana; amantombazana; amathombazana; antombhazana) ayaqubha.

14.3 **Gqibezela isivakalisi esilandelayo. Biyela impendulo echanekileyo kula magama angezantsi.**

I sitya esinye kodwa ezininzi...

- A izitya
- B amazitya
- C usitya
- D izitya

14.4 **Tshatisa isinye segama kunye nesininzi.**

	Kholam A	Kholam B
1.1	ilishwa	A izindlu
1.2	indlu	B amashwa

14.5 **Bhala iimpendulo ezikwisininzi ezichanekileyo kwezi zivakalisi ezilandelayo.**

Abantwana bafundazabo.

Kukho amakhwenkwe akhaba.....ezimbini.

15.1 **Fakela igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi. Biyela igama elichanekileyo.**

UThembakazi umlenze kwinyanga edlulileyo.

- A wophuka
- B waphuke
- C waphuka
- D uza kophuka

15.2 **Krwelela igama elikwixesha elidlulileyo kwesi sivakalisi singezantsi.**

Uwe emthini izolo.

15.3 **Phinda ubhale isivakalisi uguqule igama elikwixesha elidlulileyo libe kwixesha elizayo.**

Nditye ukutya kwam.

15.4 **Phinda ubhale esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha elidlulileyo. Qala isivakalisi sakho ngegama elithi: "Izolo."**

Intombazana iyaqubha.

15.5 **Gqibezela esi sivakalisi ngokufaka igama elishiyiweyo. Biyela igama elichanekileyo kula angezantsi.**

Ndo ikomityi kamama.

A -pule

B -phule

C -phulwe

D -phulule